# Isigidimi Sama-Xosa.

Vol. I. LOVEDALE, SOUTH AFRICA, OCTOBER 1, 1870. No. 1.

## Isigidimi Samaxosa.

### KUBALESESHI.

Ixa ekuqalwa ngalo amapepa endaba, lixa elibalulekileyo nokuba kukwimbali yasipina isizwe. Esisitunywana situnyelwe ukuza kukangela ukuba selifikilena eloxa kubemi belilizwe. Kutiwa elokuqala ipepa lendaba lase Europe lati tâpu E-Venice ngexa ekwakuliwa nama Turks ngonyaka we 1563. Zazilangazelelwa kunene indaba kwaza kwako umteto wokuba kuveliswe ipepa ngenyanga zonke. Ngobukulu bendaba ezikoyo, nakuba zingazo izinto ezahlukeneyo ezi—kukulwa okupesheya, ne *diamond* zase Africa—situmela *Isigidimi Samaxosa* nezo ndaba.

Ukwamkelwa kwalo elipepa kuya kunceda ukubonisa ukuba lominqweno nezenzo ezilusizi ezizamazamisa uluntu kwela pesheya, zinokuleseshwa ngenyamekona ngabo litunyelwa kubo ngokukodwa, abasemizini nase zikolweni zelilizwe. Ngapandle kwa matanda, kuko iqela lemidaka elilungelweyo lipepa elinje, nakuba ngenxa yokungaziwa kwenani labantu belilizwe lingena kuxelwa eloqela. Kodwa sekuminyaka imashumi mane imfundo imi. Ukuba amalinga abafundisi abe nokupumelela bekufanele ukuba abe selengamawaka anokuleseshа inteto yawo, nakuba bekungekabiko zinewadi ngexa lokufika kwabafundisi kwelilizwe. Nokuba kufunyenwe elonani odwa yoba yinto enenzuzo naleyo ekubeni yakutyila okuncinane okufeziweyo. Ukunqwenelwa kwozinewadi ngumlingo qondisa ingqondo yabantu nokuba ngaapina.

Ngapandle kwamatanda into engumundisi omkulu ngezimini ngama pepa ndaba. Besingati *Isigidimi Samaxosa* imi sincede ngokupindiweyo eku fundieni nase kwandiseni ukwazi, nokuvuselela mnqweno wokufunda. Kodwa asinakuemba kakulu ukuba oko kuya kwenzeka. aba libi, lilifutshane ixesha lama pepa ndulele eli. Kwindidi ngendidi zezikolo kekwa lingwa ukumiswa amapepa emidaka akwabiko mpumelelo noko. Makunikwe imbeko kwabo bagecа indlela yobulumko. Sekuminyaka imashumi matatu lapelayo ipepa elingu *Mshumayeli Wendada*, lisa shiceleIwe kali shumi eline sihlanu. Neli *Sibuto Samaxo* lahla lapelelwa ngumsebenzi lisa shicilelwe kasi xênxe. Neli *Li-Kwezi* latshona kungekabi mzuzu likanyisa, lisa shicilelwe kane. Eli *Sisitunywa Senyanga*, elona lalinamandla lilele sitatu kula mapepa likutshwe zizihlobo zetu Ama-Wesile lanqanyulwa ngokulusizi ngokusuka libetwe kwase ntloko yimfazwe Ka-Mlanjeni. Emveni kwemi nyaka eli shumi elina mibini, kwati tâpu ele *Ndaba*, langa liya qûba. Into elayifezayo kukushiya ingqungqutela yetyala E-Lovedale leponti ezimayela nekulu. Siya zibongoza ngokukulu izihlobo zetu eziyi midaka, oko kuba ziyikangele kunene lendawo ziyiqiqe, le siza kuteta ngayo, ukuba inga buye ihleke.

Sakukumbula ngale mbali yamalinga anga ncedanga nto, nangendleko ete yabako, ingaba yinto enokutelwa nqana, sakuti sisikupa Isigidimi sinokoyika. Sikankanya ezizinto ukuqondisa abalifundayo eli pepa, lenyaniso yokuba, xa bangalixasanga ngomxelo, lofana nawa ngapambili; kuze kuti emveni kwambalwa akutshiweyo, ati aseleyo abekwe bucala, ndawonye nentlanganisela yama pepa ama Xosa ekoyo E-Cape Town.

Abafundi belipepa bosixolela ngokumisa ngoku sekuhleni indawo eliya kuti elipepa lizuzwe ngazo. Indawo elingayo kupela yilungelo yama Xosa. Sibabongoza ngokukulu ukuba basincede basixase; imali yalo yorolwa ngapambi kokuzuzwa kwepepa.

Elipepa aliyi kuketa bankonzo itile; lomela indaba yezikolo zonke nelungelo yabemi belilizwe. Alinto yimbi ngapandle kokuba lipepa lendaba. Kungati kunqweneleke ukuba kubeko ipetshana eleyamene nelizwi ngexa elizayo. Kodwa amapepa endaba kakade aba ngapambili kwenewadi ezivela ngamaxesha atile.

Elipepa lobalelwa abo bakwaziyo ukufunda kwa nabo bazi tandayo indaba zamanye amazwe. Ingaba yimposiso ukulilungiselela abo bangenayo nentwana yemfundo nakuba bebengaba nokulifundelwa. Mhlaumbi ukuqala yoke inge inkoliso yendaba zalo ayibalungele naba kwaziyo ukufunda. Makuqondeke kodwa ukuba indaba zama Ngesi nezama Xosa azikuhlala ziteta nto nye. Xa sukuba ipepa liguqulwe lonke liyakuxelwa.

Kweli lanamhla zoke zinge ziswelekile indaba zemidaka. Imbangi yoku kupela kuku sweleka kwaba balelani. Siyatemba ukuba londawo yobuya ilungiswe kwaya kulandela.

Bonke abafundisi nabo benke abanqwenela ukuhluma kwa bantu belilizwe bayacelwa kakulu ukuba baneedise kumalinga nakwimizamo yokwandisa ukwazi.

---

### IMFAZWE YASE EUROPE.

Kwelokuqala ipepa Le-*Sigidimi* kukankanywe 'nto mbini, ekuneokolwa ngazo kakulu ngelixesha kuzo inewadi zendaba. Ezonto ke, zizi diamond, nemfazwe yapesheya. Kwelinye ipetshana kutetwe nge diamond, kweli kwoxelwa ngemfazwe.

Kubambene izizwe ezikulu zapesheya—Esama French, sibambeni nesama Prussia.

Bezivumelene ezizizwe zozibini, ukuba Ama French ayakunceda Ama-Prussia ukutimba I-Hanover, isizwe Sama-German. Aze Ama-Prussia ancede Ama-French ukulizuza elozwe elipakati kwelawo nomlambo oyi Rhine. Ate kodwa Ama-Prussia, alizuza elase Hanover, ngapandle kwama French, aza akabisavuma ukuba Ama-French alifumane elase Rhine. Aseleba nomona Ama-French,—aqala ukulungiselela imfazwe. Akubona oko, Ama-Prussia, aselexoba nawo, efunzela kwelama French. Ekuqaleni kwagxotwa Ama-Prussia, kodwa kamva agxotwa kwada kwa kabini Ama-French, ada aya azivalela esixekwene esinqabileyo.

Emzuzwini zabuya zahlangana ngasesixekweni ekutiwa Yi-Metz yati Eyama-Prussia, yafunyanwa zinkanunu zama French kwindawo eyingxingwa, apo kwabulawa amawaka alishumi elinesitandatu. Kwicala lama French kwabulawa, amawaka omane. Kwati emveni kwentsuku ezintatu ebekusiliwa ngazo, aba ngamawaka alikulu abuleweyo kunye nabanxwelеriweyo, nabatinjiweyo, kumacala omabini. Indaba zezimfazwe zisapele apa,